## U-TOL' IXALANGA NGO " NONGQAUSE."

KU MHLELI WE" SIGIDIMI."

NKOSI,—Ndiyibonile incwadi ka Mr. Philip kwi Sigidimi sika July. Kuqondekile ke ngayo ukuba igogotya lisomi endaweni ebelimi kuyo; netamba lisemi endaweni yalo. Sekufuneka ukuba imiswe lendawo ka Nongqause ngokuhla hwayo, aze elowo azigwebelo ngokubona kwake. Ndisati kwangelambla mnene inkoliso yamatamba ibikoliwe yinteto ka Nongqause, yaxela njalo, yayiko noko into eninzi eyaxela ingakolwa, enjengo Buru no Gxabaxaba, eyaxela ngenxa yobukali bomteto wenkosi. Ukuba ke boliko iqinga lemfazwe, ndingati lendawo ib'ikutile nakutile, wona um- hlambi ungayazi. Mhlana yafika lendawo kutna Ngqika ati amagogotya saka Rabon a, u Nxelo waka wasivelela nenteto esingayaziyo kanti uyasitshabalalisa. U Mlanjeni wavelisa okwake kanti siya kufa. Lento ka Nongqause ifana kwa nezo—asiyivumi. Nalendawo aqoshelisa ngayo u Mr. Philip ngamazwi esiqendn sesibini sama Tesa lonika, undikumbuza inteto ka Mr. Brownlee mhlana waqala ukuwahlanganisa ama Ngqika ngale ndawo ka Nongqause. Wabuza wati, nina Maxosa noze niyaleke ngandawo nina? Naka nayilandela inteto ka Nxele, nafa; nabuye nayilandela eka Mlanjeni, nafa; okunyenamhlanilandelaeka Nongqause. Nilandela indawo etyileke mhlope ezi-Balweni ezi-Ngcwele, ngokuba uhlobo lokuvuka kwabafileyo lucacisivve akuko lumbi. Nalendawo niyenzayo nayo ityiliwe ezi-Balweni, wati ke akutsho wabatyilela eso siqendu sikanka- nywe ngu Mr. Philip. Wati ilizwi lika Tixo nilalile, ngoko ke u-Tixo uniyekele elulahlekisweni, ukuba nikolwe ebuxokini, into eya kuningenisa entshabalalweni. Siya vumelana ke no Mr. Philip ngale ndawo.

Andiyi kuyilanda lenteto ka Nongqause, kuba sesitenji- swe ukuba u Xego-Dala uya kuyilanda, ngoko ke akufu- neki ukuba ndingene kuwo onke amazwi ka Mr. Pkilip. Into engatetwayo ngabo bonke abaxelayo kukuti, sasikolwa yinto eyayitetwa ngu Nongqause, abanye bangati sasinga- kolwa, saxela ngokunyanzelwa. Akuko namnye owoti sasixela ngokunx'amela imfazwe. Lendawo ukuba ib'iko yayiko kubanini nto kupela, nabo abazange bayivelise, ngokuba into ingeyibange kwalapo ukuba babeke batsho. Okunene o-Nxele, no Mlanjeni, no Nongqause bahlukene ngenteto zabo, ngokuba bebengayi kuteta ngendawo esezi- saziwa ukuba ziyinkohliso. Indawo abahlangene ngazo kukutwasa, kukuba ngamatola, ukuba ngamagogo. Baye ngokutsho kwabo behlangana neminyanya, beve kuyo izinto eziya kubako, banikele abantu. Andiyazi ke into angaba ubeyiyo u Nongqause xa ati u Mr. Philip ubengelilo igogo. Nelo gama lobugogo belingelilo elam, bendisiti mna boba- tatu babeprofitesha. Akuko utshoyo ukuti imfazwe ib'ice- tywa ngu Nongqause, siyazi ukuba yena wayexaswa ngu Mhlakaza, kwakusitiwa uti u Nongqause, abantu benikelwa ngu Mhlakaza. Ukutwasa oku kuyinto engakete ndoda nankazana, bayatwasa bonke. Naye u Mr. Philip akangeyi kude azekelise ngo Debora no Joan of Arc, angazekelsa kwase kaya apa, ngento esand'ukuhla. Angazekelisa ngo Nomjucu, unina ka Makaula inkosi yakwa Baca, owati mhlana Amampondo abulala u Ncapayi, umyeni wake, u Makaula ese yinkwenkwana, yati imikosi yakwa Baca falaulwa ngu Nomjucu, lwati upondo lokunyanga impi wapatwa nguye, yakalipa impi yake, yayigxota yonke into ebiza kwa Baca.

Lo Sifubasibanzi andipikisa ngaye u Mr. Philip andimazi. Ndamva ngo Nongqause kusitiwa usalwa na Mangesi pesheya, uya kuti akuwagqiba eze kunceda Amaxosa nga- neno apa, ukucica u Mlungu. Ngelo xesha ke Amangesi ayesilwa nama Russia, engalwi nawumbi, ngoko ke ndingati u Nongqause ubexela ama Russia lawo.

Ndiyamvumela u Mr. Philip xa ati indawo yokungafi komntu iyalaula enkolweni yama Xosa. Yona eyokuvuka ekufeni ayiko, nenkomo ezo bekutiwa ziya kuvuka azizange zilinganiswe nabantu ngokungafi.

U Sandile lo ubeke waduma ngobugogotya, kwati kwa- kufika umteto ka Rili kuye, wati kuma Ngqika londawo imxakile, akangetsho nokuti makuxelwe nokuti makunga- xelwa—kuba kungati kuxeliwe ayavela into kulilwe ngaye, okunye kungati kungaxelwanga yavela into kulilwe ngaye, umntu makazenzele ngokubona kwake. Akuko ke oke waxela ngelizwi lika Sandile.

Lento yamahashe bendiyibuza nje kungokuba nenkomo ezi nebokwe bezisezinje ngenqambi, kuba kwezinye indawo zabe zingasaxelelwa ukudliwa, zabe zibulawa nje ukuze zingabiko, zikwelele ezinye. Ib'ingummangaliso ke ukuba amahashe lento itandwa kangakanana ngu Mxosa inga- bulawa ize ikwelele amaninzi.

Ukugqogqwa kwevenkile e Mpongo nokubulawe kuka Mr. Barr, bekusekusukeleni kwento ka Nongqause, abantu besaqala ukuxela, kungekabiko matutu namikosana, ngelo- xesha abantu bebesafeketa ngokudla. Ziko indawo eziseleyo ezinjengo Matalose, nenteto ngamahasa kwa Ngqika ne- zinye ndiya kuziyeka ugobude beli pepa, sendiya kulindela ukulandwa kwenteto ngo siyazi, ukuze yanekwe inyaniso, baze bahlule bagwebe abanengqondo.

Tol' IXALANGA.

## INCWADI ZABA BALELI.

### IPEPA LE "MVO ZEZI LUM KO."

Kilnerton, Pretoria, Transvaal,

May 6th, 1888.

NKOSI MHLELI WENDABA ZAKOWETU.—Ndiya lila kuwe. Ndi nje ngo ndoda ezeke abafazi ababini, okuti ukuba ayifnmananga kudla komnye iyo komnye. Kunamhla nje Mhleli we *sigidimi* ndibalel* kuwe ngentliziyo engati ite piti kukwenziwa leli pepa endingati namhlanje " lipepa lomninilo." Ke ukushicilelwa kwalo kwatiwe " *Zimvo Zabantsundu* Kuti ukuba ubani uyabala ngolavo lwake kungabalwa. Ke namhlanje ndikukumbule mfazi wam omdala kuba ndiyabona ukuba lomfazi mtsha uketa atanda ukubapekela, ke ndingati olwam uluvo bendingaeingi ngokuti kuko into ebendinga- yibala ngokuyibekisa ngakweli pepa lase Qonce, okwanamhla ndenziwe kukuba sendibona ukubambi kwalento.

Ukuba kwakutshiwo ukuti " Zimvo *Zesilumko"* mna ngokwam bendingayi kuba lilungu lalo bendiya kuti ndihlale kwakuso *Isigidimi* kube kupela; kuba nakuba ndiliqaba xa esitsho lomfundisi uhamba ecukuceza izinto angafanelwe kukuzenza yena ahambe egxeka, ayeke indawo emfaneleyo, ahambe ekangela izinto angenamsebenzi nazo— nditi bekuya kulunga ukuba baya xela bati, hayi namhla indawo ayiko —njengokuba siqelile e-tfigirfiowwi— okwanamhla asifumananga tuba lokuba siyifake incwadi yako.

Ke elipepa lalomfo andiliqondi mna kuba kwatiwa *Zimvo Zaba- mnyama,* namhlanje ndiyaqonda ukuba *Zimvo Zezilumko,* tina singa zange siye ezikuleni ezikulu ukuya kufunda obo bulumko akuna kufakwa izinto esizibalayo. Kanti tina site sakuva ukuba elipepa lizizimvo zabantu savuya kakulu ke, ngokuti ukuba ubani uva uluvo Iwake ati nam mandibalele kwipepa lezimvo njengokuba kutiwa lizi Zimvo zabo bonke akuketwanga ukuba lelase Koloni kupela; tina besisiti zi Mvo zabo bonke abalamkelayo. Ndiqele lento—kuba kuse- loko ndaqala ukusamkela *Isigidimi* kwakubo obubudenge ndinabo, u-Mhleli we S*igidimi* akazange angayifaki incwadi yam. *Isigidimi* ndasiqala ngo 1877. Nakuba ndiliyilo nase kubaleni i-*sigidimi* aka- zange angayifaki inteto yomntu, endingati nalomfo ka Falati ulanele ukuteta ngolo luhlobo.

Mhlayimbi niyakuti kunganina ukuba ndingabekisi e-Qonce. Kuka- ninzi ndibala; nabafundisi balapa kuti, babalile noko incwadi zabo azizange zifakwe, ndingasateti ngam kuba zininzi incwadi ndizibala nam nditi ndifuna ukuba nditete ngemvo zam kumakowetu, noko akuzange kutshiwo nokuti akufanelekile wena ukuba kubekonto unga- yifakayo kweli pepa letu.

Undixolele nkosi nakuba kubonakala ukuba ndenziwa kukukatazwa yintliziyo ngalendlela yenziwa ngumshicileli welipepa, noko ndobuye-ndikukataze, Mhleli, ukuba ndiyapila, namhla ndisapela apa.

• Ndingowako okutandayo,
CHARLES K. KUZWAYO

## ISAZISO SAKWA RULUMENTE,
## No. 573, 1888.

*Igumbi Lendyebo, yase-Kapa,*
*9th July, 1888.*

### IRAPU YEZINDLU, 1888.

BAYAKUNJUZWA bonke abantu ukuba i-Rafu ye Zindlu (House Duty) yalomnyaka 1888, iyafuneka ihlaulwe ngoku, ekuyn kuti ukuba ayirolwanga ngosuku Iwama 29 ku SEPTEMBER, mhlaumbi ngapambi koko ibe nendleko, inikelwe kumkoleki oya kuyibiza nge gunya.

Kanjalo makugqalwe Isiqendu sesi 5 so Mteto wa 20 ka 1878 ofuna ukuba ati omangala ukuyirola imali yalomnyaka u'sazeke ubizwe, ngenxa yokunga sentyeziswa kwa londlu abizwa imali ngayo—ayingenise londawo kwi Mantyi yeso Sitili pakati kwentsuku ezi 60 kususela kumhla wokuqala ku July.

H. M. H. ORPEN.